U-FOLOKOCO

NGOKU AKATENGELI UYADYARAZA !

# BANTSUNDU! BANTSUNDU!

NINA BASE

CALA NABESOSITHILI,

NANZO IGUTINYUZI.

*U-FOLOKOCO (Pascoe) wase QONCE*

UVULE IVENKILE ENKULU

# E-CALA.

KUNI BALUNGE

E-MONTI NAKWESOSITHILI!

NIHLALEL UKUWELWA LITAMSANQA,

*U-FOLOKOCO (PASCOE) Uyakuba pakati kwenu ekupeleni kuka OCTOBER. Uya-* kuvula lovenkile ingakweyezihlangu yo SMALE &; Co.

# OXFORD STREETS

Kwezindawo uyakuqhala ofani-ngofani bempahla engazanga yabonwa E-CALA nase ZILANDANA. Efikile u FOLOKOCO ayehla kwaoko amanani empahla "shap, too."

Pakati kwako konko oku kugilana ninga mlibali apo akona

QONCE

Apo nombona ngokwake (salufu).

NCE ZANTSI KWE TYALIKE YE ZIKOTSHI,

KINGWILLIAMSTOWN.

IZIVATO ZEMITSHATO!

# GIBBERD & BRYANT

| | |
|---|---|
| Izivato ze Satin emhlope 35s. | I Brocaded Satin Emhlope 1s. 6d., 2s., 2s. 6d. |
| Izivato ezimhlope ze Brocade Satin 40s. | Ebomvu ne Blown i Brocaded Satin. |
| Ezi - Pink nezi - Blue zokutshi- ntsha 25s. | Emhlope i Brocaded Satin 6d., 9d. |
| I Satin Emhlope 9d., 1s, 1s. 6d. iyadi | I Muslin enemigca emhlope 6d., 1s. |


*Qondani: INGUBO ZOKUTSHATA ne-ZOKUTSHINTSHA ziyenziwa xa ziodolweyo,*

I Chemises Ezitrinywe nge lesi 1/-

Izihlangu Zekid Ezimhlope.

Izihlangu Zekid 4/-, Ezibotshwa ngemitya 5/-

GIBBERD & BRYANT.

Igusha  Igusha

"I-Nicotine Excelsior" I-Dip Yecuba

(Ilelona yeza Lokwekwe Ezigusheni),

LIGQITA ONKE!

I-GALLON ENYE, izanyiswe kwi 150 i- gallon zamanzi abandayo zinokuhlambu- lula 500 ne 600 EGUSHA emva kokuba kucetyiwe.

I arente E-Qonce ngu

GEO. WHITAKER.

Yile Dipu ekuhlanjwa ngayo kwitanki zela ma Mfengu.

J. WIGLEY, Nomaheya. K. J. BUDGE, Kotana

## *IMBIZO NGE GUNYA.*

*Kwi Nkundla ya Matyala yo Wantyi Oyintloko wela Pesheya kwe Nciba, u* MAJOR HENRY GEORGE ELLIOTT, C.M.G., *Intloko yo Wantyi e Transkei, uyazisa oko kuba*

EKUBENI u EMILY MNYANDA (elokuzalwa yayingu SOFUTE)

wase Zolo, kwisithili ease Ngqamakwe, e Transkei, ngomhla we 4 ka March, 1892, wenza isicelo kule Nkundla esigunyaza u EMILY MNYANDA lowo ukuba abize umyeni wake u WILLIAM MNYANDA, ongaziwayo apo akona kaloku nje, ukubonisa ukuba kwalantonina ukuba kungaqaulwa umtshato, kuqaulwe amaqhina ambopelele kulo myeni wake, pezu komhlaba wokuba umla- hle ngekwele norexezo.

Ke le Nkundla ekubeni iwamkele umtandazo ka EMILY MNYANDA ngengqiqo, nokuba ite yanikela oko ngemfanelo, ibiza u WILLIAM MNYANDA lowo ukuba aze abonakale pambi kwale Nkundla e GCUWA, ngolwesi TATU, ngomhla we 6 ku APRIL, 1892, ngentsimbi yeshumi kusasa, azokwandlala ngokucacileyo izizatu zake zokuba angaqaulwa amaqhina amqiningele ku EMILY MNYANDA ngetuba lokumlahla ngapandle kwesizatu norexezo.

Oku kwenziwe kwanikelwa ngommiselo kwi Nkundla yo Mantyi oyi Ntloko, e Transkei.

C. J. WAPvNER, Unobhala Orakulu.

Emtata, 11 March, 1892.

## ISAZISO "MVO"

ABAFUNA IMVO. — Lixesha kanye eli lokutumela amagama nentlaulo kwabafuna ukungena nokuvela konyaka omtsha, nge Kwata 3 6, mhlaimbi yonyaka 13 6 (kotanda ukuhlaulela eloxe- sha). Ongawuhlaulelanga kwase kuqaleni unyaka intlaulo iya ku- balwa nge Kwata.

## Iveki.

Inqanawa eyi *Scot* yenze iveki ezi- mbini ukusuka e Kapa ukuya e England.

Kutshabalele amadoda a 120 e Auderlues ngokuqekeka komngxuma wama- lahle. '

Inkab'engwevu ifuna ukuti itwale amehlo e Free State nase Lusutu e Thaba Nchu.

Kumda wama Mpondo wase Natal kubanjwe umntu omana ukutengisela ama Mpondo imipu.

U Judge Smith wase Kapa uhlalcle ukupumla emsebenzini wobu jaji aneminyaka emininzi ewupete.

U Mr. Stephen Johnson, ummeli we Dike ne Ngqushwa e Palamente, ubu- be ngolwesi-Hlanu Iwegqitileyo.

Amaqakamba amabini e Rini ebe pambi komantyi ngohusela. Kunzima ke emaqakambeni.

U Mr. Rhodes, Inkulu Yombuso wase Kapa kubonakele cwele ngaleveki wa- singa pesheya. ngetuba lentlungu entloko.

Eqonce ngolwesi-Bini Iwaleveki kusweleke umnumzana ongu Mr. H. O. Klette (Umadlebe) obetandwa ngabantu ngokukodwa abantsundu.

Unomgcana ongu Warden, e Manchester, uzidubule wafa ngobusuku bemini atshatiswe ngayo emva kwesidlo esikulu.

Ihangu ezine zifane zabonwa sezifile e Cicira, pofu akubonakali ngozi yanto kuzo ; abaninizo baziniisele ukuya kuva kwi sanuse.

U Mr. James Fitchat obefudula eyi mantyi yakwa Komani, nosekumzuzu engumpumli, ulungiselela ukuya kuma kona.

Asiyo nengqele kwela pesheya e Europe nonyaka nje, iwa kangangoku- ba bangabi nakuhamba ololiwe kwezi- nye indawo.

Ngamaxapetshu e Nyara ukulungi- selela u Mboniso wento ezilinywayo oyakuba ngo 31 March. Isifo sama- hashe ngati siyatota.

Ke zabuya zafika inkumbi ngeveki egqitileyo e Nyara. kwangokunjalo kwizipaluka zakwa Qoboqobo, zema nge Pine zabuya zasinga kwelipezulu.

Bayanukana lutuli e Mampondweni. Into zika Vava, u Msongclwa unuke u Gqidi, isizekabani ngumbane obete kwa Msongelwa. Udliwe a 50 enkomo u Gqidi.

E Humptata, embilini we Afrika, kuxelwa ezekaba eliqotsekileyo malu- nga nokuzeka, isizekabani kukuzalana; kuba lempi yileya yaya kuziti tshwate kwanti—ngama Satlani.

Kwinteto ayenze kwinkundla yama tyala ase Bai u Judge Barry ute, nje- ngokuba kubonakala nje ukuba ubu- dlwengu, nobupompotela buyanda, izigwebo nazo ziya kwandiswa ngoku- njalo.

Isanxu somfo ongu Williams kwela pesheya sibanjwe e Melbourne ngoku- bulala umfazi waso simqusheke pantsi kweziko. Ekubeni kugoqululwe kwi- ndlu yesi sixapoti kufunyenwe izidu- mbu ezihlanu ngapantsi kweziko.

Idindala elingu Thomas Smith liba- mbe inxilakazi ngase Salt River. Enda- weni yokuba lilitshixele entangeni live lalivalela kweyalo indlu. Kusile oku- ngaliyo, kusene ngapambili kwadizwa- na ; kwaba kukugxotwa kwepolisa oko.

Kuxelwa ilahleko enkulu yo Adams & Co. ebangwe ngumlilo ngolwesi-Bini e Mgungundlovu.

Inkundla enikela imvume yokutengisa utywala yase Bai, igqibe kwelokuba kungatengiselwa ontsundu utywala ngapambi kwentsimbi yesitoba kusasa neyesixenxe ngokuhlwa. Oku kwenze- Iwa ukunqanda ubukwangi nobunyati.

Ekubeni izima-mzi zase Somerset bezicela ku Rulumeni ukuba kukweleliswe abancqenqa pakati kwabo, bape- ndulwe ngeliti akuko ndawo E Robben Island (Kweleqenqa). Lento sixaki, kuba abase Free State bayifunyanelwe indawo kwalapo.

Kwisidlangalala setyala, ebe kumangalelwe u Mr. Beit yi Banki yase Kapa ebimbiza amawaka atile eponti, kugwetyelwe yena. Amagqweta abewafaze ukuba amtetelele abe mahlanu (inga zintloko odwa kweli); awe Banki ema- tatu; Ijaji zintatu.

Inkosi u Nqwiliso uwise umteto ongqongqo wokuba kungagaulwa kanye kwindawo ezitile kwelo lake lasema Mpondweni, ekuyakuti xa kufunyenwe inkabi erola imiti namahlahla agau- lwe kwezondawo ibe sisicenge sokuba ixhelwe idliwe ngamadoda.

Uye wafika ngolwesi Tatu lweveki egqitileyo e Kapa u Hon J. W. Sauer, Umpatiswa Koloni ukuvela e Aliwal North. Kwabo ate efika baye sebemli- nde estishini kubalulwa u Mr. Rose- Innes, Q.O., Umqondisi-Mteto Wombuso no Mr. Henry de Smidt, Umpatiswa- Koloni Ongapantsi.

" Umfulawenja " nalapa e Qonce uke wafun'ukutwala amehlo. Kwabaka behlela emfuleni singabalula u Mr. Weir kanzinyana, no Mhleli we Mvo ngokulula noko yena. Esi sifo sibushu- lisa macalana onke ngoku ebantwini nase mahasheni ngokufanayo nakwezi- nye izilo ikwa siso. Hai u " Fuman'- enze."

U Mr. Commaille we Deeds Office uti ngesifo samahashe,—Makutatwe i pills ezi 30 zika Holloway, zisilwe kakuhle, ngapezu kwazo kongezelelwe esizeleyo somhlonyane wasendle owomisiweyo; xa kugqityiwe oku kugalelwe embizeni yodongwe kugalelwe i pint ezintatu zamanzi ezibilayo, ize ke iyekwe itsale de ifane ne bulanti ngebala, kodwa ingabi mnyama kakulu. Xa sckusezwa kosezwa kwimpumlo vase kohlo yodwa ukuze lingaraxwa. Eliyeza lingasezwa ihashe lingekahlabeki, kodwa pambi kokuba lisezwe bekungalunga lite ala- dla habile alasela namanzi isituba sc yule ezi 24.

## *KUBAMKEL -' IMVO.'*

NGENTOBEKO enkulu bayacelwa bonke abanemali zolipepa ukuza ekupeleni konyaka ogqitileyo 31 December, 1891; (kwanabaliyeka ipepa benamatyala) ukuba BAQOSHE LISE ezonto ngo MARCH LO; kuba igqitile lenyanga kuya kwenziwa imigudu epilileyo ukuyimema.

Imvo Zabantsundu
NGOLWESI-NE. MARCH 21 1892

### *ISHISHINI LOKWAKA.*

UM'BHALELI wetu waso Mqo- nchi, e Dutywa, ngeshishini lo Kwaka, wenze inteto pezu komsebenzi ohlalelo ukuba ngomkulu kunene kubantu abantsundu. Aba- ntu bakowetu basentlalweni edeleke kunene ngetuba lokukangeleka pantsi kwezindlu abahlala kuzo—amanqugwala. Akunamntu wase Sikolweni; akunanene elinempahla — ungafika inkoliso ihleli ezindlwini ezingahlukileyo kwezamaqaba ngembonakalo yangapandle. Side siti yiyo nalento ingavumiyo ukusishiya kanye—noko sesamkele Ilizwi— imisebenzi yemvelo—kukuba sifika sihlale kwizindlu ezingahlukileyo kwesaye sikuzo kwintlalo yetu yo- buhedeni noko singeneyo kwintlalo yobu Kristu. Ngati ngewancedwa kunene umzi ukuba baye abafundisi bokuqala bote ingqobhoko yenya- niso inokuqondwa ngokuti umntu ako indlu eyahlukileyo kweyase buqabeni. Kwaye kuyakubako '' ukubazi ngeziqamo zabo " abantu. Sihlelelekile, ngati kukancinane nje, ngetuba elinezindlu. Ngoku Umbuso ude wazifumana unyanzo- lekile ukuba uyivalele ngapandle kokucetyiswa entweni zombuso impi yakowetu ngetuba lobupantsi ngokubhekiselele ezindlwini.

Siyavuya ukuti sebeko abasebeyiqondile lento kubantu bakowetu ; kwaye kuko intshukumo yokwaka izindlu eziya kusinika isihomo setu emehlweni abantu bezinye intlanga. Kekaloku apo kute xha kona ku- ngoku kusekubeni ingcibi zokwaka zinqabile. Umzi utinina ngelituba ? Apa ngapantsi —kulemimandla ilu- nge e Qonce— ungafika kurutwana ngo Mr. JOHN MAKOLOTA, ingcibi yase Magqunukwebeni. Asikude kakulu ekunyaniseni xa siti umse- benzi umi kwindawo ngendawo ngokulinda ycna. Bambi bade bapelelwe yintliziyo yomsebenzi ngokusweleka kwabaki. Umfo wase Mqonchini ubuza icebo ; nati sitele- la kwelake Lapina abamnyama abafunde ukwaka? Ungatshabala- lana umzi ngenxa yokungabiko kwabantu bokuwakela ngamaxabiso alingene bona?

### *U RULUMENI NE GLEN GREY.*

NTETO yomzi wase Glen Grey omawetu no Rulumeni ifike yegangxa kwinqanam elingavaka- liyo. Umantyi wase Cacadu uwu- tumele umzi impendulo, ati yeka Rulumeni, ngendawo yokuya kwaba Tunywa e Kapa. Lempendulo kuqala imingala indawo yokuba batwalwe ngapandle kwendleko aba Tunywa ngo treni, nakwakubeni aba Tunywa abo. beyela ukuyakuncedisa u Rulumeni ngokumkanyisela emcimbini omkulu ukuze abe nokufika kwisigqibo esihle. Kwakona, ivakalisa ukuba u Rulumeni ulileli pezu kokuwuqwalasela umcimbi lowo bahamba ngetuba lawo aba Tunywa. Ifika ingavakali apo ke impendulo ati Umantyi yeka Rulumeni. Abatunywa basuswa ngendawo ekwatiwa ugqibe kuyo u Rulumeni ; kodwa kuti, engeka- yiboni nenteto yomzi epatiswe aba Tunywa, ati u Mantyi u Rulumeni kokona ahleli pezu kokuwuqwalasela umcimbi. Kukuba na isigqibo ekwaye kuhleliwe pezu kwaso yi- ntlanganiso yase Mgqukwebe saye singamiswanga kwakubi kube kuqwalaselwe, lento kokona kuqwalaselwayo ? Oku kungemi ndaweni- nye kwenteto kuye yona nto kuti yalata ukuba kube kufuneka besu- swe ngokukauleza aba Tunywa, ukuze umcimbi ungagqityelwa ema- sheyini. Ngeke ukangele kwezo ndawo umzi omele i Glen Grey.

### *UMANDLA WE NGQUSHWA-DIKE.*

NGOKUBHUBHA kuka Mr. JL STEPHEN JOHNSON, ummeli we Dike no Ngqushwa, ngolwesi-Hlanu Iweveki egqitileyo, kuyakufuneka kubuye kwako unyulo kanjaqo kweso sithili. Uyaziwu u Mr. JOHNSON ukuba ubengegcisa lakuteta nangqondi entweni zolaulo; kodwa ubelilungu ebelitandeka kwamanye e Palamente, okuyakuti ukusweleka kwake kwenze isikewu esingayikuvaleka msinya kwabebemqelile e Bandla. Akuko temba ngokuba kungaba nokunyulwa ilu ngu eliyakufuna naye kanye ngendawo abesakudla ngazo e Bandla. Kodwa ke, abavoti bavulelwe ituba elingafani nanto ukubalihle lokutumela esikundleni sika Mr. JOHNSON inene elikuwufanela umsebenzi kude kwangapezulu, neliyingqondi kwimicimbi ye Palamente nakwizinto ezipatelele elulaulweni. Kakade ukutsho sibhekiselele ku Mr. WILLIAM HAY wase Kapa, oko kukuti, xa ngaba kuyinyaniso ukuba ungomnye wabazimisela ukungena cmnyhadalcni wonyulo Iwase Dikeni ne Ngqushwa. Nangapandle koncedo alulo ummeli ohlala e Bhotwe ngendlela zokulungiselela imfanelo zesiqingata asimeleyo nangexesha elingahleliyo Ibandla (i Ngqushwa ne Dike zizithili eseke zalunchamla oloyolo oko u Mr. INNES wayelimela e Bandla), abanyuli bangaba bufumene itamsanqa kwayckwa xa bate bamelwa linene elinjengo Mr. WILLIAM HAY. LO mnumzana omfundo inkulu, iminyaka emininzi ubeke engu Mhleli wepepa lase Qonce i *Cape Mercury,* ipepa abesakulihlela ngamandla amakulu nangobugora obubalulekileyo elite ngoko laba namandla amakulu kwelilizwe. Ke kwesisihlalo sobu-Hleli ute waba nelungelo elikulu lokuziqonda kakuhle inkalo ezipatelele kwinto zombuso ; aye lomava oyakuba luncedo olukulu kwisithili esingati sibe nenyhweba yokumelwa nguye, Yinto eyasoloko isite manga kade tina ukuba kuti awona madbda azekayo akade ebhala emapepeni, angayinanzi into kakuba angene e Palamente, ukanti ke nomsebenzi wawo ukulomkondo kade wento zolaulo, ekuti ke ngokukodwa mayelana nento ezinjengokubhala emapepeni kufuneke inyameko, nocoselelo, nokuzingisa ukupendla inyaniso yento ezipatelele empatweni yomzi —:zinto zokubanga ukuba bawufanele lomscbenzi kune.nto eninzi epatisiweyo ngoku. Silutyila olwetu uluvo tina ngesaka seva ngodondolo kule nkuntyula, ukuba bekungengenxa kakuba ibala letu----------------. Kodwa sibuyeka uburara yinto ebifanele ukuba nombizane indawo yokuba angene amadoda amsebenzi ungowokuhlela amapepa ngenxa yosekubonakele kwimpumelelo yamanene abepete lomsebenzi az' angena e Palamente kudala anjengo Messrs. GODLONTON, FAIRBAIRN no BIDWELL we *Times* zase Tinara ngexa langapambili, kwano Mr. HOFMEYR, Mr. SCHERMBRUCKER (Unkanunu) no Sir GORDON SPRIGG kumaxesha angoku, amadoda ke abesakusebenzana namapepa endaba. Imiteto ye Palamente ibingeyinga yamanga ekucaseni umsebenzi wamapepa ukuba kubekute kwahlala kuko amadoda anjengo Mr, HAY E Palamente. Umzi omapepa ulahlekelwe zizaziso ezinamaxabiso ngenxa ukusinga zisuke ziyokufakwa kwipepa lakomkulu i *Gazette,* ipepa elingenancasa nelingabonwa bani. Njengenene ekudala limi endimeni lixatisela inkuluteko nokanyo kwelilizwe u Mr. WILLIAM HAY ufanelwe kuvuzwa kakuhle ngabavoti bezithili ze Ngqushwa ne Dike. Ukuba abe akahlali kona kwesosithili asimeleyo asinto, kuba kufikiwe e Bandla akukutalwa yindawo ahlala kuyo umeli, kodwa kutiweni nento epuma ebucotsheni; abanyuli, sinyanisekile okokuba bangati bemnyule u Mr. HAY bangaba bate xa bebeti baxu- misa yena basuke baziti wambu ngobuqaquli; baza bayibeka ne Palamente kwindawo yokuba ibabulele ngokuyitumela indoda yamadoda. Kungaba kusafunekana ukwenza ulwandyula Iwenteto u- kwalata ukufaneleka kokuba kunyu- Iwe indoda enjengaye?

## Amacapaza.

AMASIKO ASE BUHEDENINI. Ipepa lase Natal *Inkanyiso* liteta ngoku- bekiselele kumteto wo- kunqunyanyiswa ngu Rulumeni kwemihlali yababomvu; ngokumayelana nokuriri- za kwabo kumandla wase Qonce; liti, ngabukali:—" Indawo yokuba lemihlali isegazini kubo ayisayikuba nasihlahla ku Rulumeni wale Koloni, kwaye oko kufanele. Kodwa hekungalungayo ute waroxiswa lomteto bakuba bete aba- bomvu babonisa amacebo apilileyo okutshabalalisa konke okubi okupatelele kulamasiko obumnyama."

INGUQULO E KIMBERLEY. U Mr. Hopley, Q.C., uqiniselwe kwiwonga lobu-jaji, endaweni ka Mr. Justice Cole. Eka Mr. Hopley indawo yobutshutshisi-matyala bakomku1u kwelo lase Dayimani (Crown Prosecutor) kuko elokuba iyakulunga no Mr. J. H. Lange, M.L.A., oya kuroxa kengoko e Palamente; isihlalo sika Mr. Lange e Palamente kunqwenelwa ukuba size silunge no Mr. Richard Solomon, M.A., Q.C., owayeke clilungu lase Qonce ngokunyulwa siti bantsundu. Singavu- ya ukumbona ese Palamente kwakona u Mr. Solomon, aye enga angema kaku- hle amawetu angabavoti e Kimberley ukuba kubeko umnyadala wonyulo. Ngokwenjenje simyaleza kuwo.

u DR. STEWART PAKATI E AFRIKA . Incwadi ezivela ku Dr. Stewart zixela ukuba ude wasifumana e Kib- wezi kwelama Kamba isiza se Sinala awaya kuyimisa. Ungowokuqala umsebenzi wabafundisi kwelozwe. Ubeneqela lamadoda amhlope asixenxe, enye iqe- ngqwe sisifo segazi. Kwelozwe imitwalo isalunga nabantu; kokona ngoku u John Bikiwa (Umtshatshu) awamtabata e Lovedale aqeqeshe isitandatu senkabi ukurola isileyi. Ukuya kwabo e Kibwezi impahla yayitwelwe ngabantu aba 250. Ihambo ayibanga yenenxwaleko kuya- pi ngapandle kokuba baka bangapandle kwamanzi imini enesiqingata e Muangu, bakubon'ukuba bagqite kwintlango ye Taro. Lomzi ukufupi neyona ntaba inde yelase Afrika, eyaziwa kunene yintsapo yesikolo, i Kilimanjaro. Ku- ngoku baqalile ukwaka, baye abemi betakazela. Sebewatabata kumzi lowo wesikolo amayeza ku Dr. Moffat, ebesefike ku 400 ngelituba lamayeza. Ngamana wasikeleleka umsebenzi.

## Impawana.

Amapepa ama Ngesi ayaxokozela kakulu yindawo kakubi umtinjana uhlohlwe kakulu into zemfundo yencwadi, kwaye kusendle ngecala lomsebenzi wezandla.

***

Isihandiba esingu Lord Alington sitengele inkosikazi yaso idyasi emanzi exabiso li £1000. Mayibe yintokazi eyikolisayo indoda ukude yenze oko.

***

Kwelase Hungary e Yerepe kuko izanxu- kazi zabafazi eziti zakudinwa ngamadoda azo ziwatyefe. Kalokunje sebesesitatwini ababhaqiweyo behleli pezu kwalonkohlakalo, ***

Amawetu ase Ngqushwa ayalinga ngati kute cwaka nje ukusinyanga esi sifo sikoyo bati ngu " mfulawenja." Sitsho kuba kute lakubambeka i Ngesikazi baputuma ku Gqi- ra kwaoko, kute kusenjalo kwabimkala okokuba umntu uyatshona ; lite lemka igqi- ra laputuma mkuhlane wumbi, laye belite ku Rev. Mr Gedye wase Dibana, e Ngqu- shwa apo, aliboni ndlela angapumelela ngayo ofayo. Batsibe kwa Ntsundu—om- dala umte fatsha-fatsha ngento zakowabo azaziyo labehle i Ngesikazi la ngcono nge- situba sentsuku ezimbini.

***

Asimangaliswa tina yile ndawo yokuba amawetu nhleli enamayeza nzinkunqele. Kodwa ke ngenxa yokuba bati nabawaziyo batande ukunga bangati pezu koku. xbelelwa bazuze inkomo ngento engaqonda. kaliyo, bambi bati amayeza abo adliwa ngo mhluzi, bambi bati ize umntu angenzi lento naleya, kwabe kungabonakali sizatu salonto yonke; ekuti ke ngoko abantu batande la ase mlungwini atshipu, nangana migaqo mininzi emakuhanjwe ngayo.

## Indaba Zamabandla.

----------♦-----------

[Umchokeli unga angafumana ingxelo ezimfutsha ne kuba-Fundisi na ma-Gosa ama Bandla ngeziganeko eziti zibeko Emsebenzini we Nkosi, ukuba zidweliswe kwelibala.

ITSHATSHI.

Kugqitywe ukuba u Bishop omtsha wase Bloemfontein, u Dr. Hicks amise- Iwe emsebenzini akufika kweli'lizwe e Kapa. Bekuko ukumiselwa e England njengezinye i Bishop.

***

Ngomhla we 2 February e Maritzburg. u Dr. Macrone wamisela u Rev D Mzamo kubufundisi obuzeleyo base Tshatshi (Priesthood). Ngumbingeleli wokuqala, kwelo lase Natal, ontsundu.

***

U Bishop no Macrorie base Maritzburg banduluke ngenqanawa ukusinga e England

Libalele kubi ema Mpondweni kangangokuba akuko temba ngento ezilinyiweyo.

